XHOSA

BUDGET 2014

# UMKHOMBANDLELA WOLUNTU

Eli phepha lipapashwe ngokubambisana phakathi kwa bakwa-National Treasury nabakwa- South African Revenue Service

ISSUED BY:
National Treasury: Tel (012) 315 5757
SARS: Tel 0800 007 277
www.treasury.gov.za | www.sars.gov.za

national treasury
Department: National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SARS At Your Service

**YINTONI UHLAHLO-LWABIWO MALI ?**

Rhoqo ngeyoMduba, uMphathiswa weZemali ubhengeza uhlahlo-lwabiwo mali lukaRhulumente olubandakanya indlela uRhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Olu lwabiwo mali lukazwelonke lucacisa indlela ezakwabiwa ngayo imali phakathi kwamanqanaba kaRhulumente, ukususela kuzwelonke, amaphondo nomkhandlu-dolopha.




# ULWABIWO MALI LUJOLISWE EKUKHULISENI UQOQOSHO

**Ulwabiwo mali luka2014 lujoliswe ngqo kwiinzame zikarhulumente ekukhuliseni uqoqosho lwelizwe.**

Eyona njongo kaRhulumente, njengoko isitsho i-National Development Plan (NDP), kukuba akhulise uqoqosho ukuze lufikelele kwiqondo elikwipesenti ezi-5-6 ngonyaka. Uqoqosho olukhula ngalendlela lunokuzisa irhafu ethe kratya enokuncedisa uRhulumente ekongezeni imali esetyenziselwa ukuphucula impilo zabantu ngokuvula amathuba emisebenzi aphelise intlupheko nokungalingani.

Ngo-2013, uqoqosho lukhule nge-1.8 pesenti. Ziimeko zasekhay'apha, ezihamba nokucotha kwendlela uqoqosho lomhlaba wonke olukhula ngalo, zibangele ezemveliso nemisebenzi zingakhuli kangangoko. Ngo-2014, uqoqosho luyakukhula nge-2.7 pesenti lufike ku-3.5 pesenti ngo-2016.

Kunezinto ezimbalwa ezizakunyusa elizinga lokukhula koqoqosho. Utyalo-mali kwizibonelelo ezilulutho – eliyakufikelela kwi-R847.3 billion kwiminyaka eyi-3 ezayo – luyakunciphisa ukushokoxeka kombane, kwenze ukuba ezothutho zisebenze kakuhle. Le nto, iyakukhuthaza oosomashishi ukuba batyale imali ze ukukhula kwamathuba emisebenzi konyuse imali echithwa ziintsapho.

## LUKWENZELA NTONI OLUHLAHLO MALI

### UKUXHASA AMASHISHINI

I-R10.3 billion izakuya kwiinqubo ezikhuthaza uphuhliso lwezemveliso; i-R15.2 billion yeyokuphucula nokuxhasa amashishini; i-R3.6 billion yeyokuze kuvulwe amathuba emisebenzi kwezondawo zineefektri.

### UKUDALA IMISEBENZI

Kwiminyaka e-5 ezayo, uRhulumente uceba ukudala imisebenzi eyi-6 million nge Expanded Public Works Programme, ithelekiswe neyi-4 million kwiminyaka e-5 edlulileyo.

### UKULWA URHWAPHILIZO

Uqalisile ngomsebenzi wakhe uChief Procurement Officer wokukulungisa iindlela urhulumente athenga ngayo ukuze imali ichithwe ngendlela eyiyo. Ezintsingiselo zenzelwe ukulwa norhwaphilizo.

### EZEMFUNDO NO NOQEQESHO

Imali esetyenziselwa ezemfundo ingaphezulu kwemali esetyenziswa kwezinye iinkonzo. Kuleminyaka i-3ezayo, i-R78 billion izakuya kwiidyunivesithi ze i-R34 million yakhe izikolo.

### IZIBONELELO ZOLUTHO

URhulumente uzimisele ekutyaleni imali kwizibonelelo zolutho eziphucula impilo yabantu. Umzekelo, ngo-2014, i-R11 billion izakuya kwinkampani yoololiwe (PRASA) ukuze ithenge kutsha kwaye iphucule izilumkisi.

### UKUXHASA EZOLIMO

Inkqubo yokuxhasa ezolimo ihambelana neenjongo zeNDP zokudala imisebenzi. uRhulumente uyakusebenzisa ngaphaya kwe-R7 billion encedisa amaphondo ukuba axhase abazilimelayo nabazifuyelayo abayi- 435 000 kunye namafama amancinci ayi-54 500.

> KULINDELEKE UKUBA UQOQOSHO LWELI LIZWEKAZI LASEAFRICA (NGAPHANSTI KWESAHARA) LUKHULE NGEZINGA ELIPHEZULU, NTO LEYO EZAKONYUSA NOQOQOSHO LOMZANTSI AFRIKA KULEMINYAKI-3 EZAYO

Iinjongo zikaRhulumente kukwakhiwa kwezibonelelo ezilulutho, nokuphuculwa kwezo zikhoyo. Le nto ibandakanya ukonyuswa kophuhliso lombane, ukuphucula iinkozo zezothutho (ololiwe neebhasi) nokulungiswa kwamadamakazi ayi-5.

Enye into ezakukhuthaza uMzantsi Africa kukuba urhwebelwano kunye notyalo-mali kwilizwekazi laseAfrica lukhulile. Kulindeleke ukuba uqoqosho lweli lizwekazi laseAfrica (ngaphantsi kweSahara) lukhule ngezinga eliphezulu, nto leyo ezakonyusa noqoqosho loMzantsi Afrika kuleminyaka i-3 ezayo. Ngoko ke, uRhulumente uyakuthi ajolise imithetho yezigqibo zakhe kwezo zixhasa intsetyenziswano nelizwekazi laseAfrica.

2

1. Umyalezo ka mphathiswa
2. Eyentlalontle
3. Inkamkam

3

1. Ukuphucula ezempilo
2. Imisebenzi
3. Iphumaphi imali

4

1. Isaphulelo serhafu
2. Ezamashishini amancinci
3. Isaphulelo sabongayo
4. Eyecuba notywala

INGABA LIBELULUTHO NA ELIPHEPHANDABA?
SMS Ewe okanye Hayi ku 44112
iSMS nganye ibiza i50c

# UMYALEZO KAMPHATHISWA




**Kuleminyaka i-20 edlulileyo umninzi noko umgama esiwuhambileyo. Iimali zakaRhulumente zime ngendlela kwaye sithathe imigaqo nkqubo ethe yaphucula iimpilo zentlalakahle kubantu abaninzi. Lemiqaqo nkqubo ibuliqilima kangangokuba sikwazile ukumelana neenzima esihlangabezane nazo ezifana nengxwaba-ngxwaba zoqoqosho zika 2008 – 2009 kumhlaba wonke.**

Ukusukela ngo 1994, uqoqosho lwethu lukhule ngeepesenti ezingaphaya ko-80 pesenti nto leyo encede uRhulumente abenayo indlela yokunika abantu iinkonzo ngeenkonzo. Umzekelo, uRhulumente ukwazile ukuba andise inani labo bafumana imali yentlalo-ntle lifike ku-15 million, uninzi lwabo ingabantwana nabantu abadala.

URhulumente wakhe izindlu ezingaphaya kwe-2.7 million waza wandisa kakhulu nenani lweentsapho ezinombane, amanzi kunye nezangasese. Oluqoqosho lwandileyo ludale namathuba emisebenzi, kodwa ke enganelanga bonke abantu abafuna imisebenzi.

Oluhlahlo mali lalonyaka luyaqhubeka nokuxhasa iinkqubo zokunceda uluntu, ukudala imisebenzi nezibonelelo ezizakuphucula impilo yoluntu. Utyalo mali kwizibonelelo zoluntu luzakunciphisa iindleko zokuthutha impahla ngaphakathi koMzantsi Afrika nezo ziya kwamanye amazwe.

Siyongezile nemali yokwakha izindlu, ukulungisa iindlela nokuphucula amaziko ezempilo nezibhedlele kunye neenkonzo ezifumaneka apho.



# Isizwe Esizingcayo: IMINYAKA E-20 YENKULULEKO

Uqoqosho loMzantsi Afrika lutshintshile kuleminyaka i-20 igqithileyo. Nangona sineengxaki esinazo, namhlanje nje sililizwe eliphucukileyo, amathuba amaninzi avulelekile ebantwini kwaye nentlupheko inciphile:

### UKUTYA EZIKOLWENI
Sukela kwathathwa lenkqubo ngo 2004 liziko lemfundo, yanda kwaye seyityisa abantwana besikolo abayi 9.2 million mihla le.

### UKUFUNDA
Sehlile safika ku 8.7 pesenti isiqingatha sabantu abangazange bawubona umnyango wesikolo sisuka ku 19.1 pesenti ngo 1996.

### EZANGASESE
Liphinda-phindeke kabini inani lezindlu ezinezindlu zangasese lafika to 9 million ngo 2011, lisuka ku 4.6 million ngo 1996.

### IINKONZO ZAMANZI
Inani lezindlu ezinamanzi aphuma empompini linyuke laya ku 13.2 milion kunyaka ka 2011 lisuka ku 9.1 milion ngo 1996.

### UKUPHILA KWABANTWANA
Izinga lokusweleka kwabantwana abangaphantsi kweminyaka e-5 nalo lihlile lafika ku-41 kwabo bayi-1000 bazalwayo ngo-2012, lisuka ku- 68 ngo-2000.

### IZINDLU
URhulumente wakhe izindlu eziyi-2.7 million ukusukela ngo 1994 ukuya ku 2013.

### UKUPHILA KWEEMVEKU
Izinga lokusweleka kweemveku ezingaphantsi konyaka lihlile lafika ku-33 kwezo ziyi-1000 zizalwayo ngo 2012, lisuka ku 45 ngo 1994.

### UGAWULAYO
Inkqubo yaseMzantsi Africa yokubonelela ngamachiza kagawulayo yeyona inkulu kumazwe onke. Bazakongezeka nge 500 000 ngonyaka abantu abangena kule nkqubo.

# UMEHLUKO WEMALI YENTLALO-NTLE

Imali yezentlalo-ntle ikhusela abo bahlelekileyo kwaye yindlela yokulwa intlupheko.

### IZIKOLO
Kuleminyaka iyi-3 ezayo, uRhulumente uzokwakha futhi izikolo eziyi-433. Izikolo ezisiqingatha esiyi 60 pesenti azibhatalisi. Ngo 2014, abafundi abayi 8.8 million bazakufunda mahala.

### IZINDLU
Iidolophu ezinkulu eziyi 6 zichongelwe ukunikwa i-R300 million minyaka le, ukuze zikwazi ukuphucula indlela eziceba ngayo iindawo zokuhlala ezinento yonke. Ngo 2014/15 uRhulumente ubeke bucala i-R899.2 million ukuze amaphondo alungise izibonelelo zangasese.

### IZIBHEDLELE
Imali esetyenziselwa amaziko ezempilo, izibhedlele nezinye iindawo zasekuhlaleni izakwanda ifike ku-R9.4 billion ngo 2016/17 isuka ku-R9 billion ngo 2012/13. Undoqo kukulungisa amaziko ezempilo nezibhedlele.

### UKUPHUCULA EZANGASESE
Kuleminyaka iyi-2 ezayo, i-R1.9 billion izakusetyenziselwa ukuphelisa ezangasese ezisebenzisa amabhakethi ze i-R15.4 billion iye kwizibonelelo zoluntu ekuphuhliseni kwezangasese ku le minyaka iyi-3 ezayo.



# INKAM-NKAM

Inkqubo yezentlalo-ntle yeyona ndlela icacileyo yokulwa intlupheko. Kuleminyaka iyi-10 igqithileyo, liphinda-phindene kabini inani labo bafumana indodla lisuka ku-7.7 million ngo 2003/04 ukuya ku-15.8 million ngo 2013/14. Imali yendodla izokonyuka ngoluhlobo.

| | 2013/14 | 2014/15 |
|---|---|---|
| Eyabadala | 1 265 | 1 350 |
| Abo badala kune-75 | 1 285 | 1 370 |
| Eyamagorha emfazwe | 1 285 | 1 370 |
| Eyabakhubazekileyo | 1 265 | 1 350 |
| Eyabakhulisa abantwana abangengo babo | 800 | 830 |
| Eyabagcina iimbedlenge | 1 265 | 1 350 |
| Eyabantwana | 295 | 315 |

# AMACEBO OKUDALA IMISEBENZI

URHULUMENTE UXHASA UKUDALWA KWEMISEBENZI NGEZI NDLELA:

## INKQUBO YEMISEBENZI KARHULUMENTE

Sukela yasungululwa lenkqubo ngo 2004, idale ukundlula i-5 million yemisebenzi yethutyana. Isiqingatha esizayo sizakudala imisebenzi eyi-6 million.

## IMISEBENZI YASEKUHLALENI

Le nkqubo iqinisekisa abo bakuyo iintsuku eziyi 2 ngeveki okanye eziyi-8 ngenyanga ixinizelisa kakhulu ekhukhuliseni uqoqosho lwasekuhlaleni.

## IRHAFU YOKUKHUTHAZA INGQESHO

Le nkqubo iqale ngo January 2014, incedisa amashishini ukuba ahlise iindleko zokuqesha ulutsha oluphakathi kwe 18 – 29 yeminyaka.

## INKQUBO YOLUTSHA JIKELELE

Le nkqubo ifundisa ulutsha kubugcisa kwezokwakha. Ulutsha lwase-maphandleni: Ulutsha lufumana ukulolongwa kwizakhono ezithile ngeminyaka emibini ze abo baphumelelayo bafumane imisebenzi yasekuhlaleni.



## UKUPHUCULA IINKONZO ZEZEMPILO

**URhulumente unika abantu iinkonzo zempilo zesiseko mahala ze ancedise ukuze nezinye zifikeleleke kwabo bahluphekayo. Kuleminyaka iyi-3 ezayo, uRhulumente:**

1. Uzakusebenzisa i-R77 billion kwiinkonzo zesiseko zempilo ne R240 billion kwizibhedlele.
2. Uzakuseka isebe elizimeleyo yokuhlola ezempilo ngo 2014/15 ukuze ihlole umgangatho wendawo zezempilo.
3. Uzakubeka bucala i-R600 million yokuqalisa inkqubo yokulwa umhlaza lwesibeleko.
4. Uzakongeza nge R1 billion imali yenkqubo yokulwa ugawulayo nokunikisa ngamachiza ngo 2016/17. Bayi 2.5 million abantu abafumana lamachiza, nani elo elizokwanda nge 500 000 ngonyaka.
5. Uzakukhawulezisa inkqubo yezibonelelo zolutho kwezondawo zisetyenziselwa ukuvavanya iNational Health Insurance kunye nezivumelwano zabongi. I-R3.1 billion izakulungisa amaziko ezempilo nezibhedlele, i-R1.2 billion isetyenziselwe izivumelwano nabogqirha.



# IPHUMA PHI LE MALI

| INGENISO YERHAFU | 2013/14 | % |
|---|---|---|
| IRHAFU YOMVUZO | 335,9 BN | 33,8 |
| IRHAFU YAMASHISHINI | 198,9 BN | 20,0 |
| IRHAFU YEMPHAHLA ENGENA ELIZWENI | 267,2 BN | 26,9 |
| IRHAFU YENTENGO | 81,4 BN | 8,2 |
| IRHAFU YAMAFUTHA EENQWELO | 47,5 BN | 4,8 |
| EZINYE | 62,7 BN | 6,3 |
| XAZIPHELELE | 993,7 BN | 100,0 |

# SIBOLEKA/SIBHATALA MALINI


**URhlulemente ungenisa imali ngerhafu. Ukuba irhafu eqokelelweyo ingaphantsi kwemali ezakusetyenziswa ngaloonyaka, urhulumente kufanele awuboleke umehluko.**


uRhulumente uqikelela ukuba ngo-2014/15, uyakuqokelela irhafu engange R1.099 trillion, kwaye uqikelela ukuba uzakusebenzisa i-R1.25 trillion. Ngoko ke, uRhulumente uzakuboleka i-R153.1 billion kubatyali mali basekhay'apha nabangaphandle ngokuthi akhuphe ibhondi. Ngenxa yokuba imali yerhafu ingenelanga, ityala likaRhulumente linyuke lasuka ku-R5.26 billion ngo-2008/09 ukuya ku-R1.6 trillion ngo-2014/15.

Inzala yelityala nayo inyuke ngeyona ndlela isuka ku-R54.4 billion ngo 2008/09 ukuya ku-R139.2 billion ngo-2016/17. Lo mthwalo welityala uthetha ukuba ininzi imali esetyenziselwa inzala ebinokusetyenziswa kwezinye iinkqubo zikaRhulumente ezifana nezibonelelo zolutho, imfundo, ezempilo kunye nokudala imisebenzi.

uRhulumente uyiqwalasele lemeko kunye nengxaki enokuthi isifake kuyo, yiyo lo nto ecela amasebe ukuthi asebenzise imali ngendlela eyiyo ukuze inciphe inkcitho.

# IZOSETYENZISWA NJANI IMALI






## IKOMITI YE RHAFU EPHATHWE NGU MHLEKAZI DAVIS:
# INKXASO
## YAMASHISHINI AMANCINCI

Irhafu yamashishini amancinci izakuxhomekeka kwingeniso leshishini. Lo mnyinyiva awujongenanga neendleko ezimayelana nokuba msulwa kwirhafu, ujongene kuphela namashishini anengeniso. Le komiti ye rhafu icebisa ukuba kusekwe isaphulelo kumashishini amsulwa kwirhafu endaweni yerhafu yengeniso.

Ikomiti yerhafu iphinde icebise ukuba makugcinwe irhafu ehomekeke kwimali athi amashishini amancinci ayifumane. Iphinde ithi izinga ingeniso elingarhafelwayo linyuswe ze elo ngeniso lirhafelwayo lehliswe ukusuka ku 6 liye ku 5 pesenti.

# ISAPHULELO SERHAFU KWA-BAPHANGELAYO

Oluhlahlo mali lunika isaphulelo esingange-R9.25 billion kwirhafu yomvuzo kumxelengi ngamnye. Umahluko werhafu kwimivuzo kunye nokubuyiselwa kwemali yerhafu zihlengahlengisiwe ngenxa yolwamvila lokonyuka kwamaxabiso ento yonke. Isaphulelo serhafu sihlelwe ukuze kuzuze abarhafi abarhola ngaphantsi kwe-R350 000 ngonyaka.

Ngoko ke i 56 pesenti yesaphulelo siya kwabo barhafi kwaye i-30 ye pesenti iya kubarhafi abarhola phakathi kwe-R350 000 ne-R750 000 ngonyaka.

Umvuzo athi umntu awurhole ngaphambi kokuba anga rhafa wonyusiwe kunyaka werhafu oqala nge 1 March 2014 ukuya kwi 28 February 2015 ngalendlela:

| IRHAFU NGOKWEMIBEKELO | UNYAKA WERHAFU: 2013/14 | UNYAKA WERHAFU: 2014/15 |
|---|---|---|
| Phantsi kwiminyaka eyi 65 | R67 111 | R70 700 |
| Iminyaka 65 ukuyaku 74 | R104 611 | R110 200 |
| Iminyaka 75 nangaphezulu | R117 111 | R123 350 |

Isaphulelo (unciphiso kwi rhafu ekufanele uyibhatale) somrhafi ngamnye sonyuke ngoluhlobo:

| ISIBONELELO SERHAFU | UNYAKA WERHAFU: 2013/14 | UNYAKA WERHAFU: 2014/15 |
|---|---|---|
| Yabo bonke abarhafi | R12 080 | R12 726 |
| 65 iminyaka ukunyuka | R6 750 | R7 110 |
| 75 iminyaka ukunyuka | R2 250 | R2 367 |



## AMAXABISO AMATSHA ERHAFU ATHINI KWISIPAJI SAKHO

**Izinga lerhafu kunyaka ophela ngo 28 February 2015**

| IRHAFU YOMVUZO KUMTU NGAMNYE (R) | IRHAFU EBHATALWAYO (R) |
|---|---|
| 0 ukuya 174 550 | 18% yomvuzo |
| 174 551 ukuya 272 700 | 31 419 + 25% yomvuzo ngaphezu kwe 174 550 |
| 272 701 ukuya 377 450 | 55 957 + 30% yomvuzo ngaphezu kwe 272 700 |
| 377 451 ukuya 528 000 | 87 382 + 35% yomvuzo ngaphezu kwe 377 450 |
| 528 001 ukuya 673 100 | 140 074 + 38% yomvuzo ngaphezu kwe 528 000 |
| 673 101 ukunyuka | 195 212 + 40% yomvuzo ngaphezu kwe 673 100 |
| Ii-trusts kunye nezinye ezikhethekileyo | Izinga lerhafu: 40 pesenti |

# IRHAFU YOKUVELISA ICUBA NOTYWALA IZAKONYUKA

Irhafu yokuvelisa utywala, ngakumbi ibiya no krakrayo izokonyuka phakathi kwe 6.2 ne 12 pesenti. Irhafu yokuvelisa umqombothi ne biya engumgubo ayizukwenyuka. Ukwenyuka kwerhafu yokuvelisa kume ngoluhlobo:

| | YENYUKE NGE: |
|---|---|
| Ibiya | 9c inkonxa engu 340ml |
| Umdiliya ongamfaxangwanga | 13c ibhotile engu 750ml |
| Umdiliya omfaxangiweyo | 27c ibhotile engu 750ml |
| Umdiliya ohlwahlwazayo | 62c ibhotile engu 750ml |
| Utywala obenziwe ngeziqhamo | 9c ibhotile engu 330ml |
| Ekrakrayo | R4.76 ibhotile engu 750ml |
| Icuba | 68c ingxowa ena 20 |
| Icuba elingumgubo | 87c ungu 50g |
| Icuba lenqawe | 9c engu 25g |
| iiCigar | R5.11 engu 23g |



# OKUNYUKA KWE RHAFU YAMAFUTHA EZITHUTHI

Irhafu yamafutha ezithuthi neye ngxowa yeengozi zendlela (Road Accident Fund) izokonyuka nge 12c ibhodlela ne 8c ibhodlela usukela nge 2 April 2014. Lonto yenze ukuba irhafu yamafutha ezithuthi iyokuthi ga ku R2.25 ibhodlela yamafutha kunye ne R2.10 i dizili.

# ISAPHULELO SABO BONGA IMALI

Ukukhuthaza uluntu ukuba longe kwii ngxowa ezikhethwa yirhafu, isaphulelo kumvuzo wokonga, ingeniso mali lizokunikiswa kutyalo olungadluli ku R30 000 ngonyaka umntu ngamnye.

Utyalo mali ezibhankini, imigalelo kunye nee bhondi zika rhulumente zizofumaneka ezibhankini nabalolongi bobutyebi noomasingcwabane. Ezinye iinkcukacha zizofumaneka apha enyakeni.

Kwi mali yomhlala phantsi ebhatalwa ngobuninzi bayo, irhafu ebhatalwayo iyohluka kuleyo yomvuzo. Amaxabiso erhafu yalemali azakunyenyiswa ukuze abarhafi bemivuzo ephantsi bangazirhafeli ezimali zinkulu ngoba khange bazuze kwizibonelelo zokugalela kwimali yomhlala phantsi ngenxa yoba imirholo ingaphantsi kwerhafelwayo.

Leminyenyiso izakwenza ukuba lemali yomhlala phantsi ibhatalwa ngobuninzi bayo ingarhafelwa ukuba ingange R500 000 okanye ngaphantsi.

INGABA LIBELULUTHO NA ELIPHEPHANDABA?
SMS EWE OKANYE HAYI KU 44112
iSMS nganye ibiza i50c